Isifundo 3

**Januwari 13-19*

UThixo okanye Ubutyebi?

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:
Nd. 33:6–9; Mat. 19:16–22; 1 Pet. 1:18; Heb. 2:14, 15; Eks. 9:14; Nd. 50:10.

Indima Yenkumbulo:
"Kungoko athe uThixo wamphakamisa kakhulu, wamnika igama elingaphezu kwawo onke amagama; ukuze ngegama likaYesu onke amadolo agobe, awabasemazulwini, nawabasemhlabeni, nawabaphantsi komhlaba; zithi zonke iilwimi zixele ukuba uYesu Kristu uyiNkosi, kuze kuzukiswe uThixo uYise" (Filipu 2:9–11).

UThixo akachithi mazwi echaza elaKhe icala ekuthabathekeni okudlulileyo yimali nezinto zasemhlabeni. Amazwi kaKristu kwindoda esisityebi ebawayo eyathi, nangona isikelelwe yiNkosi, yafumba yafumba oko yayinako, amele ukufaka ukumoyika uThixo kuthi sonke: " 'Mswelikuqonda, ngobu busuku umphefumlo wakho uya kubizwa kuwe; ziya kuba zezikabani na ke ezo zinto uzilungisileyo? Unjalo lowo uziqwebela ubutyebi. Engenabutyebi kuThixo" (Luka 12:20, 21).

Ukukhonza uThixo nokukhonza imali zizinto ezimbini ezingahlanganiyo. Iba yile okanye ibe yileya, uThixo okanye ubutyebi. Liphupha ukucinga ukuba singalunga kuzo zombini iindlela zokuphila kuba ukuphila ubomi obumbaxa kuya kuthi kungekudala kuqubisane nathi. Singabenza izidenge abanye, mhlawumbi nathi ngokwethu, esiya kuthi ngenye imini sibanike ingxelo. Kufuneka sikhethe, kwaye okona sithandabuza, sizithethelela, okanye silibazisa, okona kuya kuqinisa ukusibamba kwemali ukuze ukuyithanda imali kuwucinezele umphefumlo wethu. Ukholo lufuna isigqibo. Yintoni enokusenza sibe lula kakhulu isigqibo sethu kukuqwalasela ukuba ungubani na uThixo, iyintoni asenzele yona, liyintoni ityala lethu kuYe esimbamba lona.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha Januwari 20.*

UKristu UMdali

Funda: Genesis 1:1; Ndumiso 33:6–9; Isaya 45:11, 12; Yeremiya 51:15; noYohane 1:3. Zisixelela ntoni ezi ndima ngokulunga kwezinto zehlabathi?

"YayinguKristu owaneka amazulu, wabeka iziseko zomhlaba. Yayisisandla saKhe esaxhoma amazwe esithubeni, senza iintyatyambo zasemadlelweni. "Ulozinzisa iintaba ngamandla akhe." "Ulolwakhe ulwandle, nguyena walwenzayo." Ndumiso 65:6; 95:5. NguYe owazalisa umhlaba ngobuhle, nomoya ngengoma. Kuzo zonke izinto ezisemhlabeni, emoyeni, nasesibhakabhakeni, wabhala isigidimi sothando lukaBawo."—Ellen G. White, *The Desire of Ages,* p. 20. Izinto zehlabathi, zona ngokwazo, azikho mbi. Ngokungafaniyo nezinye iinkolo, ezifundisa ukuba izinto zehlabathi nokuphathekayo ngokwako, zimbi okanye zikhohlakele nokuba kuphela zizinto zikamoya ezilungileyo, iBhayibhile iyazixabisa izinto zehlabathi.

Ngapha koko, uYesu ngokwaKhe wazidala. Zingaba mbi njani, ke ngoko? Zinako, ngelishwa, njengazo zonke izipho zikaThixo, ukugqwethelwa zisetyenziselwe ububi, kodwa oko akwenzi ukuba isipho sendalo sibe sibi. IBhayibhile iyalumkisa ngokusetyenziswa ngendlela engeyiyo nokugqwethwa kwezinto athe uThixo wazidala kweli lizwe, kodwa kungekuko ukuchasana nezinto ngokwazo. Ngokuchaseneyo, uThixo wazidala izinto zehlabathi, waza wafuna ukuba abantu baKhe basonwabele isiqhamo nokuhle kweli hlabathi: "Uvuye nendlu yakho ezintweni zonke ezilungileyo akunikileyo uYehova uThixo wakho, wena, nomLevi, nomphambukeli ophakathi kwenu" (Dut. 26:11; bona nakuDut. 14:26). UYesu unguMdali(Yohane 1:1–3), kwaye umhlaba ungumzekelo nje omncinane wento ayenzileyo. Isakhono saKhe sokudala simnika indawo eyodwa ebomini ngokwabo nakwabo baphilayo ngabo. Uyalazi ixabiso lezinto zehlabathi, esazi ukuba wazinika thina ukwenzela okwethu ukulungelwa, kwanokonwaba kwethu. Uyazi kwakhona, oko kwenzekayo xa uluntu luzigqwetha ezo zipho, okanye luzenza ukuba zibe yeyona nto yokugqibela ekuphilelwa yona, njengoko, njengazo zonke izinto, zazimiselwe ukuba zisetyenziselwe ukuzukisa uThixo.

Khangela kuko konke okujikelezileyo, ubuhle belizwe elidaliweyo, ekunzima ukubukholelwa. Nasemva kokuba isono sidlavule, sisakwazi ukubona ukulunga kwemveli kokuninzi kwalo [ilizwe]. Lisixelela ntoni ilizwe elidaliweyo, ekulungeni kwalo, ngoMenzi walo?

Nyana KaThixo/Nyana WoMntu

NjengamaKristu, sikholelwa ukuba uYesu wayenguThixo ngokupheleleyo, engumntu ngokupheleleyo. Oku kumanyana kobuThixo nobuntu kwenza ukuba elaKhe icala libe lelilodwa ngakwinto ebalulekileyo emhlabeni nebalulekileyo kunaphakade. Into yokuba singazi ukuba kwenzeka njani ukuba abe nendalo yobuThixo nobuntu ayiyisusi le nyaniso kanye njengokuba ukungazi nto komntu ngeendlela zokusebenza komoya kungenako ukuyenza ukuba ingabhabhi inqwelo-moya.

"Apha kukho iimfihlelo ezimbini ezizuzwa ngexabiso leyodwa—ubuninzi babantu kubunye bukaThixo, nobunye bukaThixo nobuntu kumntu uYesu. . . . Akukho nto entsomini ebaluleke njengale nyaniso yokuba ngumntu kukaThixo."—J. I. Packer, *Knowing God* (Downers Grove, Illinois: InterVarsity Press, 1973), p. 53. Isizathu esinye sokuba uYesu eze kulo mhlaba yayikukusibonisa indlela athanda nakhathala ngayo uThixo ngomntu ngamnye kuthi. Kude le kunokuba nguthixo ozibandela ceke kude, nothe qelele, ngokwenkolo yabanye, uYesu waveza isimilo esiyinyaniso sikaBawo wethu osemazulwini.

USathana, sekunjalo, uzamile ukubahlula abantu kuThixo. Uzamile ukumenza angabi ngumntu, emfanisa nongakhathaliyo ngathi. Wenza konke anako, ngazo naziphi iindlela, ukusigcina kude nokwazi okanye ukuva ubunyaniso bokulunga nobabalo lukaThixo. Ukuthanda okukhulu izinto zehlabathi kusebenza kakuhle njengecebo likaSathana lokufeza le njongo yakhe.

Funda: Mateyu 19:16–22. Lithini eli bali ngendlela uSathana anokusebenzisa ngayo ukuthanda kwethu izinto zehlabathi ukuze sihlale sikude eNkosini?

Yiba nombono kaYesu ngokwaKhe, uThixo esenyameni, ethetha nalo mfana ocacileyo ukuba wayemazi uYesu ukuba ungumntu okhethekileyo. Kwenzeka ntoni? Wavumela ubutyebi bakhe obuninzi, ukuthanda kwakhe izinto zasemhlabeni, ukuba kumahlule kanye kumntu onguThixo ngokwaKhe. Ukuthanda ihlabathi nezinto zehlabathi kwamfamekisa kangangokuba, nangona wayelusizi, olo sizi lwalunganelanga ukumenza ukuba enze into elungileyo. Wayengekho lusizi kuba wayelahlekwa zizinto anazo (wayengalahlekwa). Wayelusizi kuba wayelahlekwa ngumphefumlo wakhe ngenxa yezo zinto.

Nokuba sinobutyebi okanye sinobuhlwempu, singaqinisekisa njani ukuba sigcina ulwalamano olulungileyo kwizinto zeli hlabathi?

UKristu, UMhlawuleli

Ityala asingomthetho-siseko wezulu. Phofu uAdam noEva bona, waza umthetho owaphulweyo wathetha ukufa. Ngoko, uluntu lwaba ngabanetyala kubulungisa bezulu. Sitshonile [ukungabi nanto], ngokwasemoyeni sinetyala esingeke sikwazi ukulihlawula. Uthando lukaThixo lwaqala ukusebenzisa icebo lokuhlangulwa. UYesu waba "ngumbambeli" endaweni yethu (Heb. 7:22). Kukuba nguMhlawuleli kukaKristu okutyhila eyona ntengo ibalulekileyo eyaka yenziwa. Kuphela ngumbingelelo wobomi baKhe owawunokwenza intlawulo yobulungisa bezulu. UYesu walihlawula ityala lesono esasinalo xa ubulungisa nenceba zaziwolana emnqamlezweni. Izulu lonke alizange labona okanye lanobungqina bokubonakalaliswa kobutyebi obungako njengoko basetyenziswa ekukhululeni uluntu (Efese 5:2).

"Ngokubhokoxa yonke indyebo yasezulwini kulo mhlaba, ngokusinika kuKristu lonke izulu, uThixo uthenge, intando, ukuthanda, ingqondo, umphefumlo, womntu wonke."—Ellen G. White, Christ's Object Lessons, p. 326.

Funda: indima nganye udwelise oko uKristu asisindise kuko: Kol. 1:13; 1 Tes. 1:10; 1 Pet. 1:18; Heb. 2:14, 15; Gal. 3:13; IsiTy. 1:5.

Igama lesiGrike utetelestai Yohane 19:30 libizwa ngokuthi lelona gama libalulekileyo elaka lathethwa. Lithetha ukuthi "kugqityiwe," laye lilelokugqibela awalithethayo uKristu emnqamlezweni. Ukwazisa kwaKhe kokugqibela kwathetha ukuba umsebenzi abewuthunyiwe ufeziwe netyala lethu "lihlawulelwe lonke." Akazange alithethe ngokomntu ongenathemba kodwa ngokomntu ophumeleleyo ukuhlangula ihlabathi elilahlekileyo. Ukukhangela emnqamlezweni wokuhlangula kuveza isiganeko esidlulileyo esinempembelelo kwixesha langoku nethemba elizayo. UYesu wanikela ubomi baKhe ukuze kutshabalale isono, ukufa, nemisebenzi yongendawo kuphele tu. Le nto ithetha ukuba, nangona singafanele, sihlangulwe (Efese `1:7). Ukuthi tshe nje imimangaliso yosindiso kukunyathela kumhlaba ongcwele. UKristu njengoMhlawuleli ungowona mfanekiselo kaThixo ungcwele. Umdla waKhe omkhulu kukusindisa thina. Oku kuveza icala laKhe ngakubantu ngakumbi kwindlela aluxabisa ngayo ulwalamano kunye nathi. Ubulungisa banelisiwe, uKristu ubuya aqwalasele indlela esisabela ngayo kumbingelelo waKhe.

Yicinge: UKristu walihlawula ityala, lonke ngokupheleleyo, ngabo bonke ububi owaka wabenza. Kumele ukuba njani ukusabela kwakho? (Bona uYobhi 42:5, 6.)

UThixo Onekhwele

Ekujonganeni kwaKhe noFaro, uThixo wathi, “Kuba ngesi sihlandlo ndithuma zonke izibetho zam entliziyweni yakho, nakubakhonzi bakho, nakubantu bakho, ukuze wazi ukuba akukho unjengam ehlabathini lonke” (Eks. 9:14).

Wayethetha ukuthini uYehova xa athi “akukho unjengam ehlabathini lonke”?

“Akukwazi ukwenzeka ukuba ingqondo zabantu ezinomda zisiqonde ngokupheleleyo isimilo okanye imisebenzi yaLowo Ongenasiphelo. Kweyona ngqondo izikisisayo, kweyona ngqondo inamandla neyona ifunde kakhulu, Lowo ungcwele kufuneka ahlale embathiswe ngemfihlelo.”—Ellen G. White, *Testimonies for the Church*, vol. 5, pp. 698, 699. UThixo akanantanga. (1 Kumkani 8:60). Ucinga, akhumbule, enze ngeendlela esingaziqondiyo. Akukhathaleki nokuba imizamo yethu ithini ukumenza afane nathi, uThixo uhlala enguThixo. NguYe owenza icwecwana lekhephu, ubuchopho, ubuso, neempawu zomntu ukuba zifane zodwa, kwaye “akukho wumbi” (1 Kumkani 8:60). Ngaphezu koko, unguMdali, abe njengoMdali, ngokuqinisekileyo wahlukile kwindalo yaKhe.

Zisixelela ntoni ezi ndima ngendlela uThixo ahluke ngayo kwindalo yaKhe? 1 Sam. 2:2; Nd. 86:8; Isa. 55:8, 9; Yer. 10:10; Tito 1:2.

Xa sikhangela kuko konke uThixo akuko, konke anako, nako konke akwenzayo, iyamangalisa into yokuba abe nabazithelekisa naYe. Kanti ke unabo, ngale ndlela yokuba kufuneka “alwele” uthando lomntu nokuthandwa. Mhlawumbi yiyo le nto athi unguThixo “onekhwele” (Eks. 34:14). UThixo wabadala abantu bakhululeka, nto leyo ethetha ukuba siyazikhethela ukuba simkhonze Yena okanye nokuba yintoni enye. Leyo ibe yeyona ngxaki yomntu, ngendlela ezininzi, nokuba ziza zikweyiphi imeko, ngokuchasene nokukhonzwa kukaThixo ekuphela ofanele ukukhonzwa, Lowo wadala neyiyeyaKhe indalo yonke. Yiyo le nto, ngokwenene, enguThixo onekhwele.

Yintoni, ukuba ikho, ebomini bakho ephikisana noThixo ekuthandweni nguwe?

Ukuba Ngumnini Ngenene

SingabakaThixo, ngokudalwa nangokuhlangulwa. Asaneli nje ukuba ngabaKhe, kodwa zonke izinto zethu nazo zezaKhe. Thina ngokwethu, asinanto ngaphandle kokukwazi ukuzikhethela. Kwelinye icala, umthetho osembindini wokuthanda ihlabathi yingcinga yokuba singabanini bezinto esinazo. Kanti ke le yinkohliso. Into yokuba amaKristu acinge ukuba angabona banini bezinto anazo kukucinga into echaseneyo naleyo ifundiswa liLizwi likaThixo. NguThixo, ingesithi, ongumnini wento zonke (Yobhi 38:4–11). Thina singabasemzini nabahlali (Lev. 25:23), kanye njengoko ayenjalo amaSirayeli eZweni leDinga. Sikwaxhomekeke kuThixo nangomphefumlo lo ulandelayo (IZenzo 17:25). Into esicinga ukuba yeyethu, yeyaKhe. Thina singamagosa aKhe, ngenxa yoko, kufuneka silawule izinto eziphathekayo nezo zingaphathekiyo esinazo ukuze kuzukiswe uThixo.

Yenza uludwe lwezinto ezikwezi ndima ezizezikaThixo:Dut. 10:14; Nd. 50:10; 104:16; Hez. 18:4; Hag. 2:8' 1 Kor. 6:19, 20. Zisixelela ntoni ezi ndima ngendlela esimele ukuzibona ngayo izinto zehlabathi ezizezethu?

_____

_____

_____

_____

"Zonke izinto zezikaThixo. Abantu bangangawakhathaleli amabango aKhe. Lo gama ebanika ngokukhulu iintsikelelo zaKhe, banokuzisebenzisa izipho zaKhe ngokokuthanda ukwanelisa ukubawa kwabo; kodwa baya kulindeleka ukuba banike ingxelo ngobugosa babo."—Ellen G. White, *Testimonies for the Church*, vol. 9, p. 246.

Ukuba ngumnini wezinto kukaThixo nobugosa bethu kunyanzelisa ukuba kubekho ulwalamano, ekuthi ngabo asisebenzise ngeendlela eziya kusilungiselela izulu nokuba sibe luncedo sibasikelele abanye. Wona amagosa angathembekanga angakuthintela ukufikelela koMnini kwizinto zaKhe. Njengoko sibonile izolo, uThixo akayinyanzeli intando yaKhe phezu kwethu. Wasidala, wasinika izinto kweli hlabathi ukuba siziphathele Yena ade abuye. Oko sikwenzayo ngazo kubonisa uhlobo lolwalamano esinalo naYe.

Cinga ngokuba kuthetha ntoni ukuthi, ngokwenene, akunanto iyeyakho kwizinto onazo kodwa zezikaThixo. Inokukuxelela ntoni loo nto ngendlela ekufuneka uqhelane ngayo nezinto ezikuwe?

Ingcamango Eyongeziweyo: Ubugosa, njengoko sibazi, baqala ngoThixo ebeka uAdam noEva kwikhaya elihle elaliyigadi ekwakufuneka belikhathalele baliphathe (Gen. 2:15). Kule ndawo yayigqibelele, babeza kwenza igadi ihlaleke, umsebenzi lowo owawungekho nzima kangako. UThixo wabanika igunya lomsebenzi wabo omtsha wabafundisa ngoxanduva abanalo. Ukukhathalela iEden kwakuza kunika intsingiselo kuzise ulonwabo kusapho olutsha. Igama lesiHebhere elithetha "ubukhosi" (Gen. 1:26, 28) lithetha ukubeka phantsi kolawulo nokuphatha." Oku, ngokwemeko, yayingebubo ubukumkani obungqwabalala, kodwa ulawulo olunobubele ekukhathaleleni indalo kaThixo. Lo mthwalo awuyekanga. Kule ndawo, uAdam noEva babeza kufunda ukuba uThixo wayenguMnini, bona bengabaphathi, okanye amagosa. Kususela kwasekuqaleni uThixo wayejonge ukuba uAdam noEva babe nezikhundla zokuba nomthwalo nokuthenjwa kodwa bengengabo abanini. Babeza kubonisa kuThixo ukuba babethembekile emisebenzini yabo. "UAdam noEva babenikwe iEden ukuba bayijonge. Babeza 'kuwusebenza bawugcine.' Babewonwabele umsebenzi wabo. Ingqondo, intliziyo, nentando zazisebenzisana ngokupheleleyo. Ekusebenzeni kwabo babengadinwa, bengabulaleki, ixesha labo lalizaliswe ngumsebenzi olungileyo bencokola omnye nomnye. Umsebenzi wabo wawumnandi. UThixo noKristu babebatyelela bathethe nabo. Babenikwe inkululeko egqibeleleyo. . . . UThixo wayengumnini wekhaya lase-Eden. Babeliphathele Yena."—Ellen G. White, *Manuscript Releases,* vol. 10, p. 327.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Into yokuba uThixo ungumnini womhlaba isifundisa ntoni ngomthwalo wethu osisiseko xa kufika kokusingqongileyo? Nangona kufuneka sikuphephe ukubaxwa ngabanye bezopolitiko abajongene nokusingqongileyo, abanqula indalo ngokwayo, imele ukuba njani ingqondo yethu, njengamaKristu, ngasekukhathaleleni okusingqongileyo?

2. Hlalani kakhulu kwingcinga kaThixo enguThixo "onekhwele." Ayikholisi ukuba ibe yingcamango elula ukuyiqonda, ngakumbi kuba, ngokwabantu, silibona ikhwele liyinto embi, liyinto yokuphetshwa. Phofu, singayiqonda njani le ngcamango xa isetyenziswa kuThixo kungekho nto ingumgodlo obhek' ecaleni eliye liwuthwale ihlabathi?

3. Singakufunda njani ukwahlula phakathi kokusetyenziswa ngokukuko nokonwatyelwa kwezinto eziphathekayo uThixo azidalileyo nokusetyenziswa gwenxa kwazo ezo zinto? Kubaluleke ngantoni ukuwenza lo mahluko?